UYesu, IAnkile Yomphefumlo

SABATHA EMVA KWEMINI

Fundela Le Veki: *Heb. 6:4–6, Mat. 16:24, Roma 6:6, Heb. 10:26–29, Heb. 6:9–13, Heb. 6:17–20.*

Indima Yenkumbulo: **"Ithemba ke esinalo ngokweankile yomphefumlo, linqabile, likwaqinile, lingena liye ngaphaya kwesikhuselo; apho umanduleli uYesu wangena khona ngenxa yethu, ethe ngokohlobo lukaMelkitsedeki, waba ngumbingeleli omkhulu osa ephakadeni"** *(Hebhere 6:19, 20)***.**

AmaHebhere 5:11–6:20 angenelela kwinkcazo yemfundo engolwazi ngoThixo engobubingeleli bukaYesu endaweni yethu. UPawulos ufakela apho isiyalo esingqongqo ngengozi yokushiywa kukaKristu.

Kubonakala ngokungathi abantu babesengozini ngokwenene yokuhla kwithambeka elimtyibilizi lokuzisizela nokungathembi nto. Umpostile uPawulos ukhathazwa kukuba izivo [iindlela abaziva ngazo] zasemoyeni zabafundi nabaphulaphuli bakhe kunokwenzeka ukuba zaya zadodobala ngenxa yobunzima beemeko ababejongene nazo, baza, ngenxa yoko, bayeka ukukhula ekuziqondeni nasekuziphileni iindaba ezilungeleyo.

Asiyingozi enamandla kuthi sonke le, ukutyhafa ngenxa yezilingo, kuze ngenxa yoko kubekho ukoyisakala kuyekwe?

Isilumkiso esingqongqo kodwa siphelela siyinkuthazo eyenziwa ngothando. UPawulos uthetha ngokholo kubafundi bakhe emphakamisa uYesu njengoqulathe isithembiso sikaThixo sokusindiswa kwabo esingenako ukwaphulwa (*Heb. 6:9–20)*. Lo mjikelo wesilumkiso nenkuthazo uyaphindwa kumaHebhere 10:26-39.

Siza kuwufunda lo mjikelo siqwalasele kumazwi alukhuni enkuthazo asinika yona uYesu.

**Funda isifundo sale veki ulungiselela iSabatha kaFebruwari 12.*

Ukungcamla Ukulunga Kwelizwi

Funda: Hebhere 6:4, 5. Yintoni awayinikwayo amakholwa kuKristu ngexesha awayethembekile kuYe?

_____

_____

Ukuba wakha "wakhanyiselwa" kuthetha ukuba wakha wanamava okuguquka *(Heb. 10:32)*. Kubhekisa kwabo babuyayo "ebumnyameni" begunya likaSathana baya "ekukhanyeni" kukaThixo *(IZenzo 26:17, 18)*. Kuthetha ukuhlangulwa esonweni *(Efese 5:11)* nasekungazini *(1 Tes. 5:4, 5)*. Imo yesenzi apha inika into ethi oku kukhanyisa sisenzo sikaThixo esizuzwe ngoYesu "okukubengezela kobuqaqawuli baKhe" *(Heb. 1:3)*.

U"basiva [basingcamla] isipho sasemazulwini" no"baba ngamadlelana ngoMoya Oyingcwele" ziintetho ezifanayo. "Isipho" sikaThixo sinokubhekisa kubabalo lwaKhe *(Roma 5:15)* okanye kuMoya Oyingcwele, athi ngaYe uThixo adlulisele olo babalo *(IZenzo 2:38)*. Abo bam"ngcamlayo" uMoya Oyingcwele *(Yohane 7:37–39, 1 Kor. 12:13)* babe nawo amava "obabalo" lukaThixo, oluquka amandla okuzalisekisa intando yaKhe *(Gal. 5:22, 23)*.

Ukungcamla "ukulunga kwelizwi likaThixo *(Heb. 6:5, ESV)* kukuba nokuyiva buqu inyaniso yeendaba ezilungileyo *(1 Pet. 2:2, 3)*. "Amandla ephakade eliza kubakho" abhekisa kwimimangaliso uThixo aya kuyenzela abakholwayo kwixesha elizayo: uvuko *(Yohane 5:28, 29)*, ukuguqulwa kwemizimba yethu, nobomi obungunaphakade. Amakholwa, phofu, ayaqala "ukuziva" ["ukuzingcamla"] kwangoku. Akuxhamle ukuvuka kwasemoyeni *(Kolose 2:12, 13)*, ingqondo eyenziwe yantsha *(Roma 12:2)*, nobomi obungunaphakade kuKristu *(Yohane 5:24)*.

UPawulos unokuba engqondweni unesizukulwana sasentlango, esasixhamle ubabalo lukaThixo nosindiso lwaKhe. Isizukulwana sasentlango sasi "khanyiselwe" ngentsika yomlilo *(Neh. 9:12, 19; INd. 105:39)*, sonwabela imana esisipho sasezulwini *(Eks. 16:15)*, safumana uMoya Oyingcwele *(Neh. 9:20)*, sangcamla "ukulunga kwelizwi likaThixo" *(Josh. 21:45)*, "namandla ephakade elizayo" "kwimiqondiso nezimanga" ezenziwa ekuhlangulweni kwaso eYiputa *(IZenzo 7:36)*. Sekunjalo, uPawulos ucebisa ukuba, njengoko isizukulwana sasentlango samshiyayo uThixo, seyikho yonke loo miqondiso *(Num. 14:1–35)*, abaphulaphuli bamaHebhere babekwingozi yokwenza kwaloo nto, seyikho yonke imiqondiso yothando lukaThixo abayonwabelayo.

Athini awakho amava ngezinto ezithethe ngazo ezi ndima zamaHebhere? Umzekelo, ukufumene njani ukukhanyiselwa ezithetha ngako ezi ndima?

_____

Okungenakho Ukubuyiselwa

Thelekisa **amaHebhere 6:4–6, Mateyu 16:24, Roma 6:6, Galati 2:20, Galati 5:24, namaGalati 6:14. Oku kuthelekisa kuthini kokuthethwa ngokubethelela uKristu?**

_____

_____

Umbhalo wesiGrike semveli ucinezela igama elithetha ukuthi “akunako ukwenzeka.” Akunako ukwenzeka ukuba uThixo ababuyisele abo “baye bemka” ngenxa yokuba “bayaphinda ukumbethelela uNyana waKhe” *(Heb. 6:6, ESV)*. UPawulos ufuna ukucinezela ukuba *ayikho enye indlela yosindiso ngaphandle kwengoKristu (IZenzo 4:12)*. Usindiso ngayo nayiphi enye indlela alunakho ukwenzeka kwanje ngokuba uThixo “engakwazi ukuxoka” *(Heb. 6:18)* okanye kungenakwenzeka ukumkholisa uThixo “ngaphandle kokholo” *(Heb. 11:6)*.

Ukuphinda ukumbethelela uNyana kaThixo yintetho engumfuziselo ozama ukuchaza into eyenzeka kulwalamano lobuqu phakathi kukaYesu nokholwayo.

Xa iinkokeli zenkolo zazibethelela uYesu, zakwenza oko kuba uYesu waba sisoyikiso kubukhulu nozimela geqe kwazo. Ngoko ke, zazithembe ukumsusa uYesu njengomntu zitshabalalise utshaba olunamandla noluyingozi. Ngokufanayo, igospile inika umngeni ulawulo nokuziphatha komntu kumgangatho ongowona usisiseko. Uqobo lobomi bobuKristu kukuthabatha umnqamlezo uzincame *(Mat. 16:24)*. Oku kuthetha ukubethelela “ihlabathi” *(Gal. 6:14)*, “umntu omdala” *(Roma 6:6)*, ne“nyama neenkanuko neminqweno yayo” *(Gal. 5:24, ESV)*. Injongo yobomi bobuKristu yeyokuba sibe nohlobo oluthile lokufa. Singakhange sibe nako oku kufa kumna, asingeke sibuzuze ubomi obutsha uThixo afuna ukusinika bona *(Roma 6:1–11)*.

Idabi phakathi kukaYesu nomna lidabi elisa ekufeni *(Roma 8:7, 8; Gal. 5:17)*. Lidabi elinzima elingaphunyelelwa kwangoko. Le ndawo ayibhekisi kumntu othi ngamaxesha athile oyiswe kwidabi “nomntu omdala” “nenyama.” Esi sono sibhekisa emntwini othi, emva kokufumana usindiso lwenene nento oluthetha yona *(Heb. 6:4, 5)*, enze isigqibo sokuba uYesu uyingozi kuhlobo lobomi yena afuna ukuba nabo aze asuke ayokubulala ulwalamano lwakhe kunye naYe. Oko kukuthi, lo gama umntu engakhethi ngokupheleleyo ukusuka kuKristu, lisekho ithemba losindiso.

Kuthetha ukuthini ukufa ku“mna,” nokuthabatha “umnqamlezo”? Yintoni oyifumana inzima kakhulu ukuyinikela kulawulo lukaKristu?

_____

Akukho Mbingelelo Wezono Useleyo

Isilumkiso samaHebhere 6:4–6 sifana twatse nesilumkiso esifunyanwa kumaHebhere 10:26–29. UPawulos uchaza ukuba ukwala umbingelelo kaYesu kuya kubashiya abafundi bengenayo nayiphi indlela yokuxolelwa isono kuba ayikho enye indlela yokuxolelwa ngaphandle kukaYesu *(Heb. 10:1–14)*.

Funda: Hebhere 10:26–29. Zeziphi iindlela ezintathu athi ngazo umbhali achaze isono esingenakho ukuxolelwa?

_____

_____

_____

Umbhali akathi akukho ukuthethelelwa kwaso nasiphi isono esenziwe emva kokuzuza ukuyazi inyaniso. UThixo unyule uYesu abe nguMthetheleli wethu *(1 Yohane 2:1)*. NgaYe sinalo uxolelo lwezono *(1 Yohane 1:9)*. Isono esingenawo umbingelelo okanye ukucanyagushelwa sichazwe njengokunyathelela ngaphantsi kweenyawo uNyana kaThixo, ukulenza inqambi igazi loMnqophiso, nokuqumbisa uMoya Oyingcwele (Heb. 10:29). Makhe sihlole okuthethwa zezi ntetho.

Intetho ethi "ukunyathelela phantsi uNyana kaThixo" *(Heb. 10:29)* ichaza ukwala ulawulo lukaYesu. Isihlonipho "Nyana kaThixo" sabakhumbuza abaphulaphuli ukuba uThixo wamisela uYesu ngasekunene kwaKhe wamthembisa ukuzenza iintshaba zaKhe "isitulo seenyawo" zaKhe *(Heb. 1:13; bona namaHeb. 1:5–12, 14)*. Ukunyathela uYesu ngaphantsi kweenyawo kuthetha ukuba abakreqi bamthabatha njengotshaba. Kule ndawo ingxoxo yencwadi *(Heb. 1:13)*, inokubekwa ngokuthi, ngokobomi bokreqileyo [okanye omkileyo kuThixo], UYesu ususiwe etroneni (ekuhleli kuyo ngoku lo ukreqileyo ngokwakhe) wabekwa [uYesu] wasisitulo seenyawo endaweni yoko. Yinto le uKhwezi awayefuna ukuyenza ezulwini *(Isa. 14:12–14)* nento lo "ungenamthetho" aya kuzama ukuyenza kwixa elizayo *(2 Tes. 2:3, 4, NRSV)*.

Intetho ethi "ulenze inqambi igazi lomnqophiso" ibhekisa ekwaliweni kombingelelo kaYesu *(Heb. 9:15–22)*. Kuthetha ukuba igazi likaYesu alinawo amandla okuhlambulula.

Intetho ethi "unyelise uMoya wobabalo" inamandla. Isaci sesiGrike uenybrisas ("ukunyelisa, ukuqumbisa") siquka ukubonakalaliswa kwekratshi, okuthi kukho "ukusa/ukugeza" okanye "ukuziphakamisa." Esi saci simi sigqame ngokwahluka kwinkcazo kaMoya Oyingcwele ongu"Moya wobabalo." Sithetha ukuba okreqileyo usabele okanye uphendule kumnikelo kaThixo wobabalo ngokuwunyelisa.

Umkreqi ukwimeko engenakho ukuncedakala. Wala uYesu, umbingelelo waKhe, noMoya Oyingcwele.

Izinto Ezingcono

Emva kwesilumkiso esinamandla nesinyanisekileyo samaHebhere 6:4–8, uPawulos utsho ngesibindi ukuthi abafundi abasukanga kuNyana, baye bengayi kusuka nakwixesha elizayo. Ukholelwa ukuba abaphulaphuli bakhe baya kusamkela isilumkiso baze baveze iziqhamo ezifanelekileyo. Banjengo“mhlaba” olinyiweyo nguThixo oveza iziqhamo [uThixo] azilindeleyo. Aba bantu baya kuyamkela intsikelelo kaThixo *(Heb. 6:7)*, elusindiso *(Heb. 6:9)*.

Funda: Hebhere 6:9–12. Yenza uludwe lwezinto ezilungileyo abazenzileyo abaphulaphuli nabaqhubeka beyenza uchaze ukuba bathini [ngokwenza oko].

_____

_____

Amakholwa alubonisa uthando lwawo kwi“gama” likaThixo, ukuthi ngakuYe uqobo, ngokunceda abangcwele. Ezi yayizizenzo ezithe geqe kwixesha eladlulayo, kodwa zaxhasa izenzo ezafikelela kwixesha langoku. IZenzo ezingaqhelekanga azivezi isimilo esisiso somntu. Obona bungqina bunobunzima bothando ngakuThixo asizizo izenzo “zenkolo” ngokwazo, kodwa zizenzo zothando ngakubazalwana abangabantu, ngakumbi abo baneengxaki *(Mat. 10:42, Mat. 25:31–46)*. Ngenxa yoko, uPawulos uyawavuselela amakholwa ukuba anga“libali” ukwenza okulungileyo *(Heb. 13:2, 16)*.

Khangela amaHebhere 6:12. Alumkisa ngaseku”dodobaleni” nokuba “nemizanga” okanye “ukurhuqa iinyawo” *(ESV)*, okuluphawu lwabo basilelayo ukuvuthwa nabasengozini yokushiya *(Heb. 5:11, Heb. 6:12)*. Ithemba aligcinwa liphilile ngezenzo zengqondo yokholo, kodwa ngokholo olubonakala ngezenzo zothando *(Roma 13:8–10)*.

UPawulos ufuna ukuba abafundi balinganise abo bathi ngokholo nokunyamezela balizuza ilifa lezithembiso. Sele ethethile ngesizukulwana sasentlango njengomzekelo ongenguwo wabo bathi, ngokuswela ukholo nokunyamezela, basilela ukukudla ilifa oko kwakuthenjisiwe. Uthi, ke ngoko, athethe ngoAbraham *(Heb. 6:13–15)* njengomzekelo walowo wathi ngo “kholo nomonde” walizuza ilifa lezithembiso. Uludwe lwemizekelo emihle lwandiswa ngabantu bokholo kumaHebhere 11, luze lufikelele encotsheni ngoYesu kumaHebhere 12 njengowona mzekelo umkhulu wokholo nonyamezelo *(Heb. 12:1–4)*. KwisiTyhilelo 14:12, ukholo, ukunyamezela, nokungqinwa komthetho kuzimpawu zabangcwele kwimihla yokugqibela.

Maxa wambi kufuneka sinike isilumkiso kwabo bantu sibathandayo. Yintoni esingayifunda kumpostile ebhekiselele kwisilumkiso nenkuthazo kwabanye?

_____

UYesu, IAnkile Yomphefumlo

UPawulos usigqibezela isilumkiso sakhe ngasekukreqeni ngenkuthazo ekuthandeni naselukholweni ngentetho entle nephezulu yengqiniseko kuKristu.

Funda: Hebhere 6:17–20. UThixo waziqinisekisa njani izithembiso zaKhe kuthi?

_____

_____

UThixo waziqinisekisa izithembiso zaKhe kuthi ngeendlela ezininzi. Kuqala, uThixo wasiqinisekisa isithembiso saKhe ngesifundo *(Heb. 6:17)*. NgokwesiBhalo, isifungo sikaThixo kuAbraham noDavide saba sisiseko sokugqibela sokuthembela kuthando lukaThixo kuIsrayeli olungasokuze luphele. Xa uMoses wayezama ukuzuza ukuxolelwa kukaIsrayeli emva kokumka benze ithole legolide, wabhekisa kwisifundo sikaThixo kuAbraham *(bona uEks. 32:11–14, Gen. 22:16–18)*. Amandla athethwa sisibongozo sakhe akwinto yokuba isifundo sikaThixo asikwazi ukurhoxiswa *(Roma 9:4; Roma 11:28, 29)*.

Ngokufanayo, xa umdumisi wayengenelela phambi kukaThixo ngenxa kaIsrayeli, wabanga isifungo sikaThixo kuDavide. UThixo wathi: “Andiyi kuwuhlambela umnqophiso wam, ndiyijike into ephume emlonyeni wam. Ndibufunge kwakanye ubungcwele bam, ndathi, Inene, andiyi kumxokisa uDavide; imbewu yakhe iya kubakho ngonaphakade, netrone yakhe njengelanga phambi kwakhe. Iyakuqiniseka njengenyanga ngonaphakade; ingqina elisesibhakabhakeni elithembekileyo” *(INd. 89:34–37, ESV)*. NgokweTestamente eNtsha, zozibini izifungo zazalisekiswa kuYesu, imbewu ka-Abraham, owanyukayo waza wahlaliswa etroneni kaDavide *(Gal. 3:13–16; Luka 1:31–33, 54, 55)*.

Okwesibini, uThixo uqinisekise izithembiso zaKhe kuthi ngesenzo sokuhlalisa uYesu ngasekunene kwaKhe. Ukunyuka kukaYesu kunenjongo yokuquka isithembiso esenziwa kumakholwa ngenxa yokuba uYesu wanyuka wangena “njengo*manduleli* . . . ngenxa yethu” (*Heb. 6:20, ESV ucinezelo lolombhali)*. Ngoko ke, ukunyuka kutyhila kuthi ukuqiniseka kosindiso lukaThixo ngenxa yethu. UThixo wamkhokelela uYesu kubuqaqawuli ngokuva ubunzima “bokufela wonke umntu,” ukuze abazise “oonyana abaninzi eluzukweni” *(Heb. 2:9, 10)*. Ubukho bukaYesu phambi kukaYise buyi“ankile yomphefumlo” *(Heb. 6:19)*, eye yaqiniselwa etroneni kaThixo. Uzuko lolawulo lukaThixo luye lwavuzwa ekuzalisekisweni kwesithembiso saKhe kuthi ngoYesu. Singaba sesiphi isiqinisekiso esisidingayo ngaphezulu?

Yintoni oyivayo xa ucinga ukuba uThixo wenze isifundo kuwe? Kungani ukuba loo ngcinga nje iyodwa kufuneka ukuba ikunike ingqinisekiso ngosindiso, naxa uziva ungalufanele?

_____

Ingcamango Eyongeziweyo: Funda: Ellen G. White, "UYohane Oyintanda," amaph. 539–545, *kwi-IZenzo Zabapostile*; "UYuda [Iskariyoti]," amaph. 716–722, ku-*Ulangazelelo Lwamaphakade*.

"Imfazwe elwa umna yeyona inkulu eyakha yaliwa. Ukuyekela umna, ukunikela konke kwintando kaThixo, kufuna imfazwe; kodwa umphefumlo kufuneka uzinikele kuThixo ngaphambi kokuba uhlaziywe ebungcweleni."—Ellen G. White, *Amanyathelo Okuya KuKristu*, iph. 43.

"UYohane wayelangazelela ukufana noYesu, waza wathi phantsi kwempembelelo eguqulayo yothando lukaKristu, waba nobulali wathobeka. U-mna wafihlwa kuYesu. Ngaphezu kwawo onke amaqabane akhe, uYohane wazinikela kumandla obo bomi bumangalisayo. . . .

"Yayikukuthanda uYesu ngokunzulu okwenza ukuba uYohane alangazelele ukusoloko ehleli kufuphi ecaleni laKhe. UMsindisi wayelithanda lonke iShumi elinaMbini, kodwa uYohane wayengoyena unomoya owamkelayo. Wayemncinane kunabanye wathi, ngokuthemba komntwana okukhulu, wayivulela kuYesu intliziyo yakhe. Ngoko ke uYesu wasoloko enovelwano olukhulu ngakuye, waza wathi ngaye, uMsindisi wadlulisela ebantwini baKhe ezona mfundiso zikamoya zinzulu. . . .

"Ubuhle bobungcwele obabumguqule bakhanya ngobengezelo olunjengoKristu kwimbonakalo yakhe. Ngokumnqula nothando, wamgqala uMsindisi kwada ukufana noKristu nokudlelana naYe kwayeyona nto ayilangazelelayo, kwathi kwisimilo sakhe kwabonakala isimilo seNkosi yakhe."—Ellen G. White, *IZenzo Zabapostile, amaph*. 544, 545.

Imibuzo Yokuxoxwa:

❶ Ubomi bukaYohane, umfundi oyintanda, nobukaYuda Iskariyoti bunika ukwahlukana okubalulekileyo. Xa uYesu wayebona uYohane nomntakwabo, wababiza ngokuthi Bhowanerges, oonyana bendudumo. UYohane wayeneziphako ezikhulu. NoIskariyoti wayenazo iziphako, kodwa zazingaxhomisi mehlo okanye zizibi ukudlula ezikaYohane. Kwathini ukuze uYohane aguqulwe abe ngumfanekiselo kaYesu lo gama uYuda wenza isono esichasene noMoya Oyingcwele? Wawuyintoni umahluko?

❷ UYesu umema amakholwa ukuba athabathe iminqamlezo yawo amlandele. Uyintoni umahluko phakathi kokuthabatha umnqamlezo nokuziyekela ekuphathweni kakubi kwabanye?

❸ Kutheni uThixo efuna ukunikela okupheleleyo kobomi bethu kuYe? Kuyintoni ukuhambelana phakathi kwentando ekhululekileyo nosindiso?